Isalathiso: 20171101-6429
13/3/2
Imibuzo: M Combrink

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0020/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso yezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo, nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ukunikezwa okunyanzelekileyo kwamaxwebhu okuzazisa xa kubhaliselwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zika-2018

1. Kufikelele kwingqwalaselo yeSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke ukuba inani elininzi labafundi ababebhalisele iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) zika-2016 abazange babe nako ukuveza amaxwebhu asemthethweni kunye/okanye iipasipothi.

2. Ukususela ngoJanuwari 2018, uya kunyanzeleka umfundi obhalisela iimviwo ze*NSC* ukuba aveze amaxwebhu okuzazisa akhe asemthethweni. Ukungawavezi la maxwebhu kuya kukhokelela ekubeni abafundi bangabi nako ukubhaliselwa iimviwo ze*NSC* zika-2018.

2.1 Abemi baseMzantsi Afrika mabaveze iNcwadi-sazisi yaseMzantsi Afrika (*ID*) okanye isazisi sekhadi esiyi-*Smart ID Card*.

2.2 Abemi bamanye amazwe (*immigrants*) (abemi abangengabo abaseMzantsi Afrika) mabaveze ipasipothi **kunye** nepemithi yokufunda esemthethweni.

2.3 Abakweli ukuzokufuna igwiba lezokhuseleko (*asylum seekers*) mabaveze amaxwebhu achaphazelekayo asuka kwiSebe leMicimbi yeKhaya ahamba nepemithi yokufunda.

3. Kucelwa iinqununu ukuba zazise bonke abafundi abakwiBakala 11 ukwenzela ukuba abo bangenawo amaxwebhu afunekayo aseburhulumenteni, babe nako ukuwafumana kwiinyanga ezimbalwa ezizayo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-11-10